NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
MAY 2021

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

MARKING GUIDELINES

Ixesha: 2½ iiyure | Amanqaku: 100

These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.

The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.

IEB Copyright © 2021

ICANDELO A

UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Esibhedlele eBaragwanath.

1.1.2 Bayathandana.

1.1.3 Kungenxa yezinto ezininzi azenzelwe nguThozama ngethuba ebengasebenzi kwaye izinto zingahambi kakuhle.

1.1.4 Ngumfundisi.

1.1.5 Ucela umtshato.

1.1.6 Ewe.

1.1.7 Uthi unzima kuba ezakusebenza ngabantu/ abantu abaxhelekileyo emiphefumlweni.

1.1.8 Ndijonge kuwe/ Undibonise indlela/ Ube lithemba lam.

1.1.9 Uthando/ Ukunyamezelana/ Umbulelo.

UMBUZO 2

2.1 2.1.1 c

2.1.2 e

2.1.3 d

2.1.4 a

2.1.5 b

2.2 2.2.1 Yinyani

2.2.2 Bubuxoki – Ispes Bona sisakhiwo secawa

2.2.3 Bubuxoki – uThozama wayengunesi eBaragwanath

2.2.4 Yinyani

2.2.5 Yinyani

2.2.6 Bubuxoki – uThole wakhula nzima

2.2.7 Yinyani

IEB Copyright © 2021

2.3
- Kwakugcwele ngabantu bezokukhawulela umfundisi
- Yayingumbhodamo abantu betyhilizana benyathelana
- Amapolisa ayekho afumana ubunzima ekugxininiseni ucwangco
- UThole kwanyanzeleka achwechwiswe ngemoto ukuphuma esikhululweni senqwelo moya
  kuba kusoyikiselwa ukuba angonzakaliswa yimincili yabantu ababelapho.

[Umfundi uya kufumana inqaku elinye kumanqaku amahlanu awanikileyo kulo angasentla].

UMBUZO 3

- Umfundisi/utitshala ukhawulela uThole xa embona engena aze amxhawule isandla evuyela ukumbona.
- Utitshala ubuza uThole ukuba ngenene na nguye na lo ambonayo.
- UThole uyavuma ngokuthi ewe ndim lo.
- UThole ubuza utitshala ukuba uyabafundisa abantwana.
- Utitshala uyamothusa lo mbuzo aze avume esitsho ukuthi ubafundisa izifundo zonke.
- UThole ubuza utitshala ukuba uyabafundisa na abafundi ngethemba.
- Utitshala ucela uThole ukuba amfunele incwadi ezineso sifundo kuba akakayiboni kwezo bazabelweyo ngurhulumente.
- UThole uyaguquka ajonge abafundi aze abacele ukuba bamenzele umhobe wesinge othi *The incape rock* nombongo webhadi.
- Abafundi bayaphakama bawucengceleze umhobe lowo.

Amanqaku ayakwabiwa ngolu hlobo:

Isakhiwo
Umfundi ufumana inqaku elinye kumanqaku asi7 kulawo abhalwe ngasentla
Intshayelelo nesiphelo

UMBUZO 4

4.1 Cwaka uThole wazenza ongamvayo

4.2 Tyhini nguwe ntang'am? Ndiyagoduka

4.3 Nguye lo

4.4 Yimalini?

4.5 Siya kuzazi njani ke thina iindlela zabaqhubi beemoto?

4.6 Mfondini akuthanga uya eGcuwa?

4.7 Ke ufuna ntoni ngoku?

4.8 Ngoku ke kuza kuthiwani mqhubi? / Ke ngoku siza kwenza njani mqhubi?

IEB Copyright © 2021

4.9 Kulungile ke madoda, ndiza kunicela nihle nilinde apha, ndiza kujika ndikhangele apho ndinokuthi ndithele khona amafutha.

[Umfundi uvumelekile ukuba azibhale ngendlela yakhe iimpendulo kodwa kufuneka zibe zemxholweni.]

UMBUZO 5

Umhlathi 1:

- Ukuba UMangaliso ufunde eDikeni kwaNokholeji
- Ukuba wangena ezokufundela ubutitshala
- Wayeqhuba kakuhle kakhulu kuba wapasa
- Ukuba wazibalula kwezemidlalo, kwiingxoxo zabafundi, enkonzweni, usihlalo weS.C.A **[Iimpendulo zibe mbini kuphela.]**

Umhlathi 2:

- Kunyaka wakhe wematriki wacelwa waba ngomnye wabafundi abathathu abakhethwayo ukuba bayokumela uNokholeji eKapa
- Wazibalula ngobuchule bokuxoxa, ulwazi oluphangaleleyo kwezombuso nezonqulo.
  [Nasiphi isithathu samkelekile]

Umhlathi 3:

Kwakukho udidi olwalunomdla kwezonqulo nodidi olwalunomdla kwezobuzwe.

- Udidi lezobuzwe lwamcebisa ukuba aqhubele phambili imfundo yakhe ngokuthi angenele icala lomthetho, lumbonisa ngohlobo angathi afaneleke ngalo eligqwetha nenxaxheba angathi ayithathe kwezombuso.
  [Umfundi ufumana amanqaku amabini kumanqaku amathathu abhalwe ngasentla]
- Ukuba udidi lwezonqulo lwamcebisa ukuba aqhubekeke nemfundo yakhe ngezakwaLizwi ngenxa yokunqongophala kwabefundisi kwiAfrika esemaZantsi.

Umhlathi 4:

- Ukuba uThole wakhetha ukuqhubeka ngezakwaLizwi ngenxa yokucetyiswa ngabafundisi/ wachukunyiswa yintshumayelo kamfundisi uMaqoma/ecinga ukuba ubufundisi lubizo lwakhe.

Umhlathi 5:

- Ewe kuba unolwazi ngobunzima kwaye uza kukwazi ukubacebisa abantu abanike nethemba kwizimo abazibona bekuzo.

IEB Copyright © 2021

UMBUZO 6

Umhlathi 1

- Ukuba ikhwele libhongo lokuthi xa ubona umntu enento entle ayenzileyo unqwenele ukuba ungayenza ude ukhe uyilinge okanye ukhuthaze lowo uyenzileyo.
- Ukuba ubukhwele ngumona. Umntu onqwenela ukuba izinto ezintle zenzeke kuye kuphela hayi komnye umntu engakhange ayisebenzele nokuyisebenzela loo nto ayinqwenelayo.

Umhlathi 2

- Ukuba umntu onekhwele umbona ngokwenza into esenzela ukuba abanye bakope benze.
- Ukuba umntu onekhwele uyaluthanda ukhuphiswano ukuze akwazi ukuzibona apho akhoyo.
- Ukuba umntu onekhwele akoneli yindawo akuyo usoloko ejonge indawo engcono kunaleyo akuyo.

Umhlathi 3

- Ukuba umntu onobukhwele umbona ngokungonwabi.
- Ukuba umntu onobukhwele umbona ngokubhitya kungekho nto angayifumaniyo kokwabo/ emzini wakhe.
- Ukuba umntu onobukhwele uyakhohlakala enze izinto ezimbi ebantwini.

[Umfundi ufumana amanqaku amathathu ngempendulo ezintathu azinikileyo kumntu onekhwelo nakumntu onobukhwele kwezi zibhalwe ngasentla].

Umhlathi 4

Umzekelo: Umntu onekhwele uthi xa ebona omnye umfundi ephumelela ngamanqaku aphezulu kwizifundo zakhe aye kuye aqonde ukuba wenza njani na ukuze naye enze njalo.

Umzekelo: Umntu onobukhwele uthi xa ebona uphumelela ngamanqaku aphezulu esikolweni akhohlakale aze acinge ukuba angenza ntoni ukuze ungaphumeleli.

[Nawuphi umzekelo olungileyo obhalwe ngumfundi uyakwamkeleka. Mhlawumbi omnye umfundi angenza umzekelo ophilayo ongqinelana nezi mpendulo zingentla.]

Umhlathi 5

- Ukuba uThole ucacisa la magama kuba efuna kuphuhle intsingiselo zawo akwazi ukusetyenziswa ngendlela efanelekileyo
- Ukuba injongo yayikukukhuthaza abafundi ukuba babenekhwele ukuze bakwazi ukuphumelela ebomini

IEB Copyright © 2021

ICANDELO B

IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 100–80%	Mfaneleko Khowudi 6 79–70%	Enomthamo Khowudi 5 69–60%	Anele Khowudi 4 59–50%	Phakathi Khowudi 3 49–40%	Buthathaka Ikhowudi 2 39–30%	Bhetye-bhetye Khowudi 1 29–0%
AMANQAKU	**20–17**	**16–14**	**13–12**	**12–10**	**9–8**	**7–6**	**5–0**
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)	Umxholo nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Iingcamango zivuthiwe.	Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Izimvo zibhadlile zenza kwaphuma isincoko esikwizinga eliphakamileyo.	Umxholo nocwangciso kubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isincoko sinomfaneleko Izimvo zenze isihloko saphumelela.	Umxholo isicwangciso izimvo konke kuyanelisa. Iingcamango ziqhelekile kwaye ziyasilela ngobunzulu.	Umxholo, ucwangciso nezimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo zinxulumene.	Umxholo, izimvo nothungelwano azibekelwanga kakuhle. Iingcamango zinqongophele. Kusoloko kuphindwaphindwa into enye.	Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isihloko asikho mxholweni. Kwaye alukho unamathelwano. Iingcamango azibonisi ngqiqo kwaye zihambela kude nesihloko.
	10	**7**	**6**	**5**	**4**	**3**	**2**
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi uchongo-magama nobugqina bohlelo konke kugqwesile. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo kwezivakalisi imihlathi kugqwesile.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobugqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngokuchanekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobugqina bohlelo konke zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxesha amaninzi. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi imihlathi,izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlis i nochongo magama nobugqina bohlelo, kulula. Isincoko sihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo. Itekisi inazo iimposiso.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, ubungqina bohlelo konke kuphakathi. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile ukuphuhla nangona itekisi inazo iziphoso.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kuyahexa. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam. Itekisi ineziphoso ezininzi.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobunzima kohlelo konke kunzima kakhulu. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi nezimvo aziphuhlanga kwaphela. Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso.

IMIHLATHANA EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A: Umongo, uyilo, nefomathi	20
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	10
AMANQAKU EWONKE	**30**

IEB Copyright © 2021

IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 100–80%	Mfaneleko Khowudi 6 79–70%	Enomthamo Khowudi 5 69–60%	Anele Khowudi 4 59–50%	Phakathi Khowudi 3 49–40%	Buthathaka Ikhowudi 2 39–30%	Bhetye-bhetye Khowudi 1 29–0%
AMANQAKU	**6**	**5–4**	**4–3**	**3–2**	**2–1**	**1**	**1–0**
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (6 AMANQAKU)	Umxholo nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Isincoko sigqibelele kwaye asinamakhwiniba.	Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Iingcamango zihlakaniphile kwaye zinika umdla.	Umxholo ubonisa ukusiqonda isihloko. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esilunge kakhulu.	Umxholo, izimvo, isicwangciso konke kwenze kwaphuma isihloko esinomfaneleko nesamkelekileyo.	Umxholo, isicwangciso nezimvo konke kwenze kwaphuma isincoko esiphakathi nesinamatheleneyo. Kuzamekile noxa kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano kwenze kwaphuma isincoko esingabekelwanga kakuhle. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
	4	**4–3**	**3**	**3–2**	**2**	**1**	**1–0**
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (4 AMANQAKU)	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono kulwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kugqwesile.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zikwizinga eliphakamileyo.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kuphakathi. Ulwimi luqhelekile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zonke zikwizinga eliphakathi.	Kugqalwakulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo, nobude kuyanelisa.	Kugqalwa kulwimi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kusetyenziswe ngokungachanekanga. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude ziyahexa ziimposiso.	Kugqalwakulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kusenzinyana. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam.	Kungqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke akuphunyezwanga. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga kwaphela. Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso.

IMIHLATHANA EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO
A: Umongo, uyilo, nefomathi
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela

Amanqaku ewonke: 100

IEB Copyright © 2021